



UNIVERSITEIT  
iYUNIVESITHI  
STELLENBOSCH  
UNIVERSITY

**100**  
1918 · 2018



iZiphumo zangokweNtlalo @  
iYunivesithi yaseStellenbosch

**2020**



# *Iphepha lokuqulethwego*

|   |    |
|---|----|
| Umyalezo osuka kuSekela-Nqununu: iZiphumo zangokweNtlalo, iiNguqu naBasebenzi   | 2  |
| Umyalezo osuka kuMlawuli oMkhulu: iZiphumo zangokweNtlalo neeNguqu  | 3  |
| Umyalezo osuka kuMlawuli: ukwaHlula okujoliswe kwiZiphumo zangokweNtlalo  | 4  |
| Ukufunda ukusebenza kwihiabathi elitshintshileyo  | 6  |
| Igalelo lethu kwiziphumo ezi-7 zangokwentlalo ze-SU   | 8  |
| INkonzo yeeMatie yoLuntu neefakhalthi zenza ukuba kube nako ukwenzeka kweziphumo zangokwentlalo eziqhutywa ngabafundi | 11 |
| Ukuguqula ihlabathi ngenyathelo elinye ngexesha   | 12 |
| Ithuba lesibini bungakhathalisekanga ubukho be-Covid  | 13 |
| Imfundu ngapha kwamagumbi okufundela: abafundi bafaka isandla   | 14 |
| INcwadana yeSikhokelo sezeMisebenzi elungiselelw iBanga le-9  | 15 |
| I-TRAC SA ifezekisa impumelelo bungakhathalisekanga ubukho bemingeni ye-Covid-19                                      | 16 |
| linqobo ezizisa iinguqu ezikolweni zinefuthe kuluntu  | 17 |
| Ingcaciso enxulumene ne-Covid-19 yenziwa ukuba ifikeleleke kwabo baneengxaki zokuva ngeendlebe                        | 18 |
| Indawo yokhuselo elungiselelw abantwana abasesichengeni   | 19 |
| Ukufunda ngezonyango kuyaqhubekeka ngokusetyenziswa kohlolo lwasekhayeni nge-intanethi                                | 20 |
| Ukujongwa kwezidingo zezesondlo ngelixa le-Covid-19   | 21 |
| Isixhobo sokuphucula abalimi besintu abasakhasayo   | 22 |
| UkuXhotyiswa ngoLwazi lwezeziMali kuyaqhubekeka bungakhathalisekanga ubukho be-Covid-19                               | 23 |
| Izifundo ezingokusingqongileyo ngokusetyenziswa kwezixhobo zokubeka iliso kwizityalo nezilwanyana zasemanzini         | 24 |
| Ukuphandwa kweenguqu kwimilinganiso yobunzulu beSaldanha Bay  | 25 |





## *Umyalezo osuka kuSekela-Nqununu: iZiphumo zangokweNtlalo, iiNguqu naBasebenzi*

Ngo-2020 iYunivesithi yaseStellenbosch (SU), namanye amaziko amaninzi kwihlabathi jikelele, kuye kwafuneka ukuba itshintshe iigya ngokukhawuleza ukuze iqhubukeke nokufunda nokufundisa kwayo, uphando nobuchule, nemisebenzi ezisa iziphumo ngokwenthala nanjengoko ilizwe laye langena kwinkubo yokumiswa ngxi kweentshukumo ngenxa kabhubhane we-Covid-19. Iyunesithi yaye yamisela izinto ezingundoqo ezizezona zihamba phambili ukulungiselela unyaka lowo: ukuncedisa abasebenzi bethu nabafundi ukuba bagqibezele unyaka wabo wezfundo, nokuinisekisa uzinzo oluqka konke noluchuliweyo lwezikolethu.

Uzinzo e-SU lusesizikithini sentlalo-ntle yabasebenzi bethu nabafundi, uzinzo lweyunivesithi ngokwezezimali, nozinzo lwamaqabane ethu, ingakumbi amaqabane ethu akweli loMzantsi Afrika kuluntu olungqonge iikhampasi zethu ezahluka-hlukeneyo eStellenbosch, eBellville, eTygerberg, eSaldanha naseWorcester.

Inqobo zeyunivesithi – ubalaselo, uvelwano, ukuzibophelela, imbeko, nobulungisa (ECARE) – zaba sisiseko esathi sakha phezu kwaso iintshukumo nemisebenzi yomntu ngamnye nengokubambisana. Sathatha isiqqibo esiqiqileyo sokuba nangona ezi nqobo zisebenzisana kwaye enye ixomekeke kwene, inqobo yovelwano yayiza kuba yeyona ibekwe phambili ngelixa lalo bhuhane. Oku kubaluleke ngokukodwa ngexesa apho abemi boMzantsi Afrika bekhawuelana nelahleko – nokuba yeyemivuso nemisebenzi, okanye ukusweleka kwamalungu osapho, abahlobo noogxa basemsebenzini.

I-Covid yandise yaza yaphinda-phinda iinkxalabo nemingeni yasentlalweni ebihleli ikhona kakade. Iziphumo zentlupheko, intswela-ngqesho, nokungalingani ziya zaxhaphaka ngamandla nangakumbi. Ubuqhophololo, ulwaphulo-mthetho, nobundlobongela, ngokukodwa ubundlobongela obusekelwe kwisini, ezo zinto ziselibala elimdaka eMzantsi Afrika, nalapho abemi abaninzi besatsala nzima ekufikeleleni ukhathalelo lwezempi, imfundo, nezindlu ukukhankanya nje ezimbalwa.

Ngelixa iziphumo zangokwenthala zivamise ukuxhomekeka ekudibaneni kwabantu buqu, sikubonile ukuqiniwa kobuchule kwiziphumo zangokwenthala nasekusetyenzisweni kwenqubo yoqelelwano lwabantu. Abasebenzi bakwiikhampasi zase-SU bawuphendule lo mngeni ngokuphengulula nasekudaleni iindidi ezintsha zophando olungobandakanyo lwabantu, ubufundi, ukufunda

nokufundisa, ubuvolontiya, nentsebenziswano. Esikufundayo ngoku kuza kuba neziphumo ezishiyekayo kwindlela esiza kusebenza ngayo kwixesha elizayo.

---

*Siphendule kwiinkxalabo ezikufuphi ngokuthi sifumane izisombululo kwimingeni yezentlalo ebangelwa yi-Covid-19.*

---

lingcali zezonyango zase-SU zisebenzisana neYunivesithi yaseKapa zibhenele ekunyangeni izigulane ebezigula kakhulu yintsholongwane i-Covid-19 nge-oksijini engena ngempumlo empompoza ngamandla (HFNO) endaweni yokubhenela kwa ngoko kwinkubo yokuncedisa ukuphefumla ngoomatshini, nkqubo leyo inobuzaza ngakumbi kwaye ifuna ukuba izigulane zilaliswe. Esi sigqibo sokusebenzisa unyango olungaziwa kakhulu senze ukuba oogirha baseSibhedlele saseTygerberg babe nakukuyiphepha “imfuneko yenqubo yokuncedisa ukuphefumla ngoomatshini kwisiqingatha sazo zonke izigulane ebezigula ngamandla”. Ifakhalthi yezeMfundu iye yathatha indawo yokuba ixhase abafundi beBanga le-11 nele-12 ngezifundo zabo ngelixa leeholide zokuvalwa kwezikolo ngelixa iSebe leeNzululwazi zoKutya liye lafumana indlela yokujika isonka sibe sisibulalintsholongwane sezandla.

Siqhubekile nokuphengulula nokufaka igalelo kuphando lwemeko yehlabathi yasemva kwe-Covid. UKususela ekuqhambukeni kwalo bhuhane, uKlaus Schwab weForam yezoQoqosh yeHlabathi noThierry Malleret, umseki we-Monthly Barometer, baye bapapasha incwadi esihloko sayo sithi Covid-19: The Great Reset. Kule ncwadi baxoxa ngokumiselwa ngokutsha kwezoqoqosh, ezentlalo, ezejografi, ezingokusengqongileyo, ezetekhnoloji, ezoshishino, nezomntu ngamnye. Oku kumiselwa ngokutsha kuqulathe, phakathi kwezinye izinto, ukuba sisebenze nzima ukuveza okona kuhle omnye komnye nokuba sichase kwaye silwe okona kubi kuthi. Njengeeyunivesithi, sidinga ukuba siqhubekile nokuzibandakanya koku kuzigocagoca kwinkalo engeethiyori ngelixa sikhangelia iimpendulo ezbambekayo. Kulilo, ekugqibeleni, ibakala elibaluleke kakhulu loxanduva lweeyunivesithi ukucinga kune namaqabane asentlalweni malunga neenkalabo zentlalo. Kwaye sikwenza oku kuzigocagoca kungeethiyori ngolwazi lokuba akukho nto ineziphumo njengeethiyori athi amaqabane azakhe kune nezithi ziveze iinzuso ezbambekayo eluntwini.



## *Umyalezo osuka kuMlawuli oMkhulu: iZiphumo zangokweNtlalo neeNguqu*

U-2020 ngokwenene uza kukhunjulwa njengonyaka wokumiswa ngxi kweentshukumo kwihlabathi jikelele. Ehlabathini jikelele kuye kwafuneka ukuba sibucinge ngokutsha ubomi bethu – ukususela kwindlela ebisesibenza ngayo, ukuya kwifuthu ebesimalo omnye komnye njengabantu, kwaye kweyethu imeko, indima yeeyunesithi kwihlabathi elichaphazele kakubi ngubhubhane. Kwaye olu tshintsho lusasebenza apha nakwihlabathi jikelele.

Elo xesa lika xakeka liye lazisa ukunwenwa okukhawulezileyo krentsholongwane ikerona, lanyanelisa uluntu lweYunesithi yaseStellenbosch (SU) ukuba lucinge ngokwahlukileyo ngendima yalo kwidolophu yethu nakuMzantsi Afrika ngokumbaxa. Ngale ndlela, sase senza iinguqu ezinkulu – nezininzi kuzo ezathi zenzeka ngokukhawuleza kakhulu.

Okokuqala, siye sacwangcisa saze samilisela oko kwaziwa ngoku njengeNkqubo kaXakeka yokuFundisela, ukuFundela, nokuHlola Kude (Emergency Remote Teaching, Learning and Assessment - ERTLA). Le ndlela ye-ERTLA iye yavumela ukuba abasebenzi nabafundi bawugqibezele nge-intanethi unyaka wezifundo ka-2020, nto leyo iye yavumela izithwala-ndwe zethu ukuba ziqale isigaba esitsha sobomi bazo kwaye zingene emsebenzini. Njengeeyunesithi siyaqonda ukuba ngokwenene le yenye yezona ndlela zinkulu esinokuthi sibe nefuthe ngayo ekuhlaleni ngokubanzi. Kwaye ke ngoko, ngokwenene sichwayite kakhulu kukuba siye sakwazi ukugqibezelu unyaka wezifundo ka-2020.

Okwesibini, i-SU iye yaqaphela ukuba yona, njengezinye iiyunesithi kwihlabathi jikelele, kuye kwafuneka ukuba icinge ngokwahlukileyo malunga nendima yayo ekuhlaleni. Ngoko nangoko siye sabambisana namaqabane ethu asekuhlaleni, oomaspala bethu beenginqi kwakunye namasebe karhulumente wephondo nowesizwe, saphucula, saze samilisela iziphumo zangokwentlalo ukuze ngokubambisana sikhawulelane neminye imingeni ekufuphi ezsive ngulo bhuhbhan. Kwaye apha ndicinga ngokungqalilyo ngamaphulo obonelelo ngokutya kwa kunye namaphulo angundoqo ekuveseni uqoqosho lwelizwe lethu. Ngolu hlobo ndifuna ukuncoma umsebenzi we-Stellenbosch Unite neSupport Stellenbosch campaign.

Ngaphezu koku, isivumelwano esimacula-mabini sasezimbalini esatyikitywa phakathi kwe-SU neSebe lezeMpilo leNtshona Koloni (DoH) ngeliax lalo bhuhbhan ngumzekelo nje omnye wendlela i-SU ethe yaqhubekeka

ngayo nokuqhuba inkqubo yokufundisa nokufunda engokuzibandakanya ngeliax kugcinwe uqeletwano Iwabantu. Esi sivumelwano, nesineminyaka esibhozo, sifuna ukuba i-DoH “ifezekise imfuno yayo engummiselo yokuqeleshela abafundi kwimeko yokusingqongileyo okunempilo” nokuba i-SU iqeqeshe “abasebenzi bokhathalelo lwezempiro abaqelesheweyo abanezakhono kwaye ivelise uphando lwezempiro ukuze ihambise ukhathalelo olusekelwe kubungqina”.

Okunye okuqaphelkayo kananjalo yinyaniso ekukuba abafundi, iingcali zobuchwepheshe nabasebenzi bezemfundo abasuka kwiFakhalthi yobuNjineli bafake amagalelo aliqela kwiProjekthi yeSizwe engooMatshini bokuNcedisa ukuPhefumla yeli lizwe (NVP) ngokuthi baprinte izikhuseli zobuso ze-3D, okanye “bancedise ekuvavanyweni nasekuvelisweni kwezixhobo eziyimizekelo” ukulungiselela i-NVP. Sibe nako kananjalo ukuxhasa uMasipala waseStellenbosch ngokusebenzia iNkonzo yethu yezeMpilo kwiKhampasi (Campus Health Service - CHS) ngeenkonzo zohluo ngomnxeba nodluliseloo kwizibhedlele zasekuhlaleni ukulungiselela uvavanyo lwe-Covid-19 okanye iingcebiso ezimalunga nokuzibekela bucala kwindawo yakho wedwa.

Kube kuhle kakhulu ukubona abasebenzi nabafundi besebenzisana ngaphakathi – kumasebe neefakhalthi jikelele – nangaphandle kunye namahlakan namaqabane ukuze kuphuculwe iziphumo ngeenqobo zethu njengezikoi elingokuzibandakanya. Eli xesa lika xakeka liqinisekisile ukuba sizinikele ekuqinisekiseni ukuba iziphumo zangokwentlalo zibetheleleke nzulu ekufundiseni nasekufundeni kwethu, nakuphando. Olu papasho lugqamisa ezinye zezo zenzo zokuzibandakanya nemisebenzi. Uza kuqaphela ukuba amanye amaphulo kuye kwafuneka ukuba alungelelaniswe kakhulu kwaye kuye kwamiliselwa amaphulo amatsha abhekisele kwimingeni yexesa elo.

Ndingathanda ke ngoko ukubulela oogxa basemsebenzini abasuka kuzo zonke iifakhalthi zase-SU abathe balungelelanisa imisebenzi yabo, bandisa ukusebenza kwabo, bafumana iindlela zokugcina ubudlelane obuthe bachatshazelwa kukumiswa ngxi kweentshukumo, nabathe bachophela kwaye bamilisela iindlela ezintsha zokuqhubekeka nephulo elibethelelekileyo leziphumo zangokwentlalo ngo-2020.

Nangona nje lo bhuhbhan engeyiyo nangayiphi na indlela into yexesa elidilulileyo, siye safunda izifundo eziliqela ezinexabiso neziza kusikhokelela kananjalo koko kuza kuba licesha lasemva kwe-Covid. Ezi zifundo ziza kubonakalisa ukubaluleka ekuqinisekiseni ukuba sihlala siyyunesithi engokuzibandakanya nexhasa uluntu ngokubanzi ngokusebenzia ukufundisa nokufunda okungokuzibandakanya, uphando olungokuzibandakanya nangokuvelisa izithwala-ndwe ezingabemi abazibandakanyayo.





## *Umyalezo osuka kuMlawuli: iZiphumo zangokwentlalo*

Ubhubhane we-Covid-19 awushiyanga namnye wethu engachaphazelekanga kwaye kwabanye abemi boMzantsi Afrika nabemi bamazwe ngamazwe ezo ziphumo zidale iintlekele, nalapho abaninzi kuthi into abanako ukuyenza ikukubukela nje bengancedo.

Unxunguphalo, uloyiko nokungabikho kokudibana ngeziqo kune nosapho nabahlobo kuye kwayichaphazela kakubi impilo yasengqondweni nentlalo-ntle yabasebenzi nabafundi kwaye oku kuye kananjalo kwachaphazela uluntu esilusebenzelayo. Kwimeko yeenqobo zeYunivesithi yaseStellenbosch (SU) zoVelvano, ukuziBophelela, neMbeko ziye zafaneleka nangakumbi ngaphakathi nangaphandle kwezikolo lethu. Siye sema asagungqa ekufuneni kwethu uBalaseloe ngelixa leli xesha saza ngempumelelo sasingatha i-SI Symposium yethu yarhoqo ngonyaka yango-2020 kune nabafundi bethu, abasebenzi, namahlakani/noluntu esilusebenzelayo. Sihlala sikhangelia iindlela ezintsha zokuziphila iinqobo zoBuLungisa ngokuphendula kwethu kwimiba yobulungisa nocwangco lwasekuhlaleni.

EMzantsi Afrika, ukuvalwa kweeyunivesithi kwethutyanwa nokutshintshelwa ekufundeni nasekufundiseni nge-intanethi okwaziwa kukumiswa ngxi kweentshukumo, kwaye kwagqamisa iyantlukwano phakathi kwabafundi abangathathini ntweni nabo bathatha entweni. Isiphumo esizisa unxunguphalo yayisesokuba abanye abafundi babejongene nesigrogriso sokungkwazi ukugqibezela unyaka wezfundo ngempumelelo. E-SU, abaphathi baye balitungiselela eli futhe libi ngokuthi babonelele abafundi abangathathini ntweni abathi bafaka izicelo zenkxaso, ngeelephthophu kwa kune nedatha.

Ukumiswa ngxi kweentshukumo kwilizwe lonke nako kwaye kwaba nefuthe elibi kwisakhono sokuba nokuqhubekeka kwamaphulo ethu amaninzi eziphumo zangokwentlalo ngenxa yokuba sasingenako ukudibana buqu kune noluntu elusebenzelayo le yunivesithi. Oku kwaye kwakuveza nangakumbi ukungalingani kwaye ke ngoko kwaye kwabakho imfuno enkulu yokuba iyunivesithi ibe nesakhono sokufumana iindlela ezingobuchule zokuvingga lo msantsa ukuze amaphulo angeziphumo zangokwentlalo abe nokuqhubekeka.

Ukuqhubekeka kwenkxaso engenkxaso-mali yeembewu ukulungiselela amaphulo angeziphumo zangokwentlalo

phantsi kwenkqubo yokumiswa ngxi kweentshukumo kwaye kwaxhotyiswa nguMbono ka-2024 wale yunivesithi (Vision 2040), ngokukodwa ukuzibophelela kweli ziko “ekuphuculen iwlwazi ekusebenzeleni uluntu”, iSikhokelo sethu esingeQhinga sika-2019-2024 neenqobo zaso ngokuphathelene neZiphumo zangokweNtlalo. Loo maxwebhu mabini nemigaqo ikwa sisiseko sokusebenzisana kwethu noluntu lwethu.

E-SU, sinika ingqwalasela iZiphumo zangokweNtlalo ezibethelelekileyo ngokuthi sifune uPhando olungokuziBandakanya, nokuFundu nokuFundisa okungokuziBandakanya ukuze someleze uBufundi bokuziBandakanya. UbuVolontiya, ngendlela yoBumi obungokuziBandakanya, buzisa ubuqabane obenza nzulu nagakumbi izinga lokuzibandakanya kune noluntu ukuze ke ngoko buphucule izakhono zabantu kubafundi nabasebenzi ababandakanyekayo.

Enye yezona ndlela zibalulekileyo esithe sanga ngazo uluntu ekuziseni ubulungisa nocwangco lwasentlalweni ngokusebenzisa iziphumo zangokwentlalo, yaqala ngo-2007 ngelixa uMphathi we-SU ongasekhoyo, uNjing Russell Botman, enikezelia ngokutsha nangendlela eluphawu ngesakhiwo se-Lückhoff School esikwindlela i-Banhoek Road kubanini baso bakuqala. Namhlanje, i-Lückhoff School endala inamagumbi azii-ofisi ze-DSI kwa kune nee-NGO eziliqela ezikhawulelana nentlaninge yeemfuno zoluntu.

Lo bhubhane wawusibonise imfuneko yokuqalisa ukuba neencoko ezintsha kune namahlakani ethu angaphandle ukuze sifumane iindlela ezingobuchule zokuqhubekeka nezenzo zongenelelo neeprojekthi ngelixa lalo bhubhane nasemva kwawo. I-DSI iza kuhubekaka nokuthatha inxaxheba nokuba negalelo kwiincoko zasekuhlaleni, ezesizwe, nezamazwe ngamazwe kune namanye amaziko kwaye yabelane ngemisebenzi ehamba phambili. Ukongeza, imisitho enjenge-simpoziyam yethu yarhoqo ngonyaka, iza kusinceda ukuba siphengulule nangakumbi iziphumo zangokwentlalo e-SU ngokungakhathaliseki kubukho bemingeni emitsha ezsive ngubhubhane we-COVID-19. ISicwangciso sethu seZiphumo zangokweNtlalo esingeQhinga (2017-2022), nesiphengululwayo kungoku nje, siza kuhamba phambili ekusincedeni ukuba siphucule ukuzibandakanya kwethu.

Ngokuthathela ingqalelo imbali yethu yeziphumo zangokwentlalo, izifundo esifundileyo, nokuBophelela kwethu kucwangco, sizithembile ekubeni ngoku sikufuphi ngohlobo esingazange saba kufuphi ngalo ekuziseni utshintsho lwasentlalweni oluluqilima ngokusebenzia ubulungisa bezentalo obuza kuba negalelo kwiziphumo zentlalo ezihele.



## *Ukufunda ukusebenza kwihlabathi elitshintshileyo*


Igama elithi phivothi, elithetha ukujika okanye ukujija, liye laba lelinye lawona magama asetyenziswa kakhulu ngelixa lobhubhane we-Covid-19. Oku akothusi, xa kuthathelwa ingqalelo ukuba abantu, amashishini, iiyunivesithi noorhulumente kuye kwafuneka ukuba bavavanye kwaye babumbe ngokutsha okanye balungise iindlela ababesebenza ngazo ngokwesiqhelo. iSebe leZiphumo zangokweNtlalo (Division for Social Impact - DSi) nalo laye lazifumana likwimeko apho kwaye kwafuneka ukuba likhawulelane nengqokelela entsha yeemeko zaphantsi kwenkqubo yokumiswa ngxi kweentshukumo ngomthetho walo wokufuna ubulungisa bezentlalo ngokusebenzia umsebenzi walo weziphumo zangokwentalalo. Lo bhubhane ukuveze nangakumbi eMzantsi Afrika ukungalingani ekuhlaleni kwethu nesidingo sokuba kufunyanwe izisombululo ezingobuchule nezingamisekileyo zoku kungalingani.

Njengabagcini beziphumo zangokwentalalo kwiziko lethu, i-DSi ifuna iziphumo zangokwentalalo ngokusebenzia uphando olungokuzibandakanya, ukufunda nokufundisa okungokuzibandakanya, nobumi obungokuzibandakanya. Sinexanduva lokucebisa, ukukhokela nokuxhasa abasebenzi nabafundi bakwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU) abalawula okanye ababandakanyekayo kumaphulo eziphumo zangokwentalalo ekusebenzeleni uluntu lwethu. Ngapehu koko, sichophela ubandakanyo phakathi kwabaphandi bethu, amavolontiya angabasebenzi nangabafundi, ii-intheni ezingabafundi, amaqabane, noluntu.

Sikwayixhasa ne-SU kwiphulo layo lokufezekisa uMbono ka-2040 weyunesithi (Vision 2040) neSikhokelo sayo esingeQhinga sika-2019-2024 ngokunkira ingqwalasela kwimixholo engeqhingga emithathu engundoqo ngokukodwa. Le mixholo luhando olulungiselwe iziphumo ngokusebenzia uphando olungokuzibandakanya; ukwakha ubudlelwane obuneenjongo nothungelwano olungoquko; nokubonelela abafundi ngamava obufundi aneenguqu. Kule meko yangoku nje yobhubhane wehlabathi jikelele, ukuzibandakanya noluntu ukuze kuqondwe ngokugcweleyo imingeni yalo nokunkira ingqwalasela kuphando olusombulula ezo ngxaki kubaluleke kakhulu. Ngokusebenzia ubudlelwane obuneenjongo nothungelwano olungoquko, siya samilisela kune noluntu, ii-NGO, amasebe karhulumente, namashishini esikwaziyo ukusebenza nawo ulwazi oluyingqokelela nobuchule phakathi kwamahlakan ukuze sifumane izisombululo ezingentsebenziswano nezingobuchule kwimingeni yasekuhlaleni, mingeni leyo kungoku nje iye yaba yenyanzelekileyo. Obu budlelwane nothungelwano lukwasibonelela kananjalo ngamathuba okuthi ngenene "sange uluntu esilusebenzelayo ukuze sizise utshintsho entlalweni, kwiinkubeko, kokusingqongileyo nakupuhhliso loqoqosho". Lukwasivumela kananjalo ukuba sibonelele abafundi ngamava angaphandle kwamagumbi okufundela ngokusebenzia ubuvolontiya.

Ngenyanga yoMsints ngo-2020, i-DSi yabamba i-Simpoziyam yeZiphumo zangokweNtlalo yayo yokuqala enge-intanethi, nalapho sathi saba neengxoxo ezinentsingiselo kune nabasebenzi nabafundi malunga nemingeni emitsha ebangelwa ngubhubhane we-COVID-19 kwiziphumo zangokwentalalo. Loo Simpoziyam yaye yasivumela ukuba sigocagoce indlela i-COVID-19 ethe yachaphazela ngayo iziphumo zangokwentalalo – kweli lizwe nakwihlabathi jikelele – nendlela eyayithe neyayisaza kuqhubekeka ngayo ukuba nefuthe kwisakhono seyunivesithi sokufuna amaphulo eziphumo zangokwentalalo

## imali eziphunyeziweyo kumjikelo wokuqala nowesibini



okanye sokuhubekela neeprojekthi ngendlela eyaisenza ngayo phambi kwalo bhubhane. Elo yayilithuba lokuavanya ukusebenza kweendlela zethu zeziphumo zangokwentalo nokubethakala okunokwenzeka kwinkxaso esinikezelala ngayo kuluntu nemibutho esiyisebenzelayo. Olu vavanyo lwalubalulekile nanjengoko luza kuba neziphumo eziponakalayo kwindlela esenza ngayo izipho zangokwentalo ukuya phambili.


Ngo-2020, abeZiphumo zangokweNtlalo base-SU baye batyla isixa-mali esizizi-R 4 043 237 sisonke kumaphumo eziphumo zangokwentalo kuzo zonke jikelele iifikalthi zeyunivesithi ezili-10, abe-PASS, i-DSL, ezeMidlalo zeeMati, neentsebenziswano eziphakathi kweefakhalthi.

Amaphulo ethu eziphumo zangokwentalo ayengqamene neenjongo zamazwe ngamazwe, ezesizwe nezemimandla ezimiselwe kwiiNjongo zoPhuhliso oluLuqilima zeZizwe eziManyeneyo, iSicwangciso soPhuhliso seSizwe saseMzantsi Afrika, neeNjongo ezingeQhinga zePhondo leNtshona Koloni kwaye zahlula-hlulwe zaba yimixholo yeziphumo e-7:

- IMfundo kuye Wonke ubani
- Ubulungisa bezeNtlalo nezeSini
- Ukhuseleko lokutya nezempi
- Okusingqongileyo nozinzo
- Ingqesho nophuhliso loqoqosho olungoquko
- Ukhuseleko, ukuhuseleko nolawulo olulungileyo
- Imithombo yoncedo nezakheko ezisisiseko

## Igalelo lethu kwimixholo yase-su e-7

Ngo-2020 iYunivesithi yaseStellenbosch yaye yathatha inxaxheba kumaphulo angama-58 eziphumo zangokwentlalo neuprojekthi ezingena phantsi kwemixholo yeyunivesithi e-7 yeziphumo zangokwentlalo. Abasebenzi abangama-158 bebonke baye bachitha iiyure ezingama-74 609 kula maphulo nezi projekthi.




## Ukwahlula-blulwa kweziphumo zethu zangokwentlalo

Ngelixa lika-2020, amaphulo angama-90 eziphumo zangokwentlalo athi abhaliswa ze aphunyeza. La maphulo ayequa amaphulo akwikharityhulam nalawo angekho kwikharityhulam nawayequa kuphela abasebenzi, okanye abasebenzi nabafundi, okanye abafundi kuphela. Abasebenzi nabafundi babezibandakanya kumaphulo eziphumo zangokwentlalo kunye namaqabane azinze ubukhulu becalo kwiNtshona Koloni ngokumbaxa, kodwa nawo nalawo azinze kwamanye amaphondo. Bebonke ngabasebenzi abali-158 nabafundi abali-1 472 abathe bavolontiya iiyure ezingama-R74 609 zizonke, besebenza namaqabane ali-169 kwinkqubo leyo.


Le ingezantsi yimiboniso engokuzotya yeziphumo zangokwentlalo ze-SU.

## Amaphulo eziphumo zangokwentlalo aququzelelwva ngabasebenzi


### Amaphulo aqhutywa ziifakhalthi




### Amaphulo ngokweentlobo



### Amaphulo ngokweekhathegori zamaqabane




### Amaphulo amaqela ekujoliswe kuwo



## Amaphulo abafundi ngokwemixholo

Malunga nabafundi abali-1 472 abathi bathatha inxaxheba kwiiprojekthi namaphulo angama-32 aquuzelelwa ngabafundi ngo-2020, bevolontiya iiyure ezingama-336 zexesha labo kwaze kwaxhamla abantu abangama-2 450.

### Amaphulo eziphumo zangokwentlalo angokuvolontiya aquuzelelwa ngabafundi





# *INkonzo yoLuntu yeeMatie neefakhalthi zenza ukuba zibe nako ukwenze ka iziphumo zangokwentlalo eziqbuthya ngabafundi*

Nanjengoko sikhawulelana nentlekele yezentlalo nezoqoqosho ebangelwa ngubhubhane we-Covid-19, inye into eye yacaca gca – ngoku ukodlula nanini na, iYunivesithi yaseStellenbosch (SU) kudingeka ukuba ithumele izithwala-ndwe ezizibandakanyayo kwihlabathi, zithwala-ndwe ezo ziziinkcuba-buchopho nezinokufaka igalelo elinentsingisel ekusombululeni imingeni enobuzaza nengokwenene kwihlabathi lokwenene.

Ezinye zeempawu zezithwala-ndwe i-SU eneenjongo zokuzifaka kwizithwala-ndwe zayo luthando lokufunda ubomi bomntu bonke, ukusinga okunzulu nokungobuchule, inkathalo yomntu buqu ekusebenziseni ulwazi, isakhono sokusebenzisana nabanye kwiimeko ezahluka-hlukenyo, nokuba nobuchule ngelixa zisebenzisa itekhnoloji enesinzino nesebenzayo ekuusombululeni iingxaki. UMBono wethu ka-2040 (Vison 2040), ongowokuba “sibe yenze yeeyunivesithi ezihamba e-Afrika ngophando kwaye siqatshelwe kwihlabathi jikelele njengezikolo elibalaseleyo, elingoquko, nelengobuchule apho ulwazi lumphulwa ngokusebenzela uluntu”, ukubonakalisa ngakumbi ukuzibophelela ekuxhobiseni abafundi bethu ukuze benze igalelo ekuhlaleni.

INkonzo yoLuntu yeeMatie (neyaziwa ngcono njenge-MGD) yinqwelo ethi i-SU ifezekise ngayo zonke ezi zinto zingentla ngokusebenzisa iziphumo zangokwentlalo. Lo mbutho ungenzi nzozo ufumaneka phakathi kwiSebe leZiphumo zangokweNtlalo e-SU kwaye umsebenzi wazo kukuxhasa, ukuphucula nokuveza amathuba okuvolontiya ebafundini.

Oku kubalulekile nanjengoko abafundi bejamelenemiba eya iba maxongo ngakumbi enjengokhuselo lokutya namandla, imingeni yezoqoqosho yehlabathi jikelele, ukonyuka kobiKrelekrele beZinto ezenziwe ngaBantu (Artificial Intelligence – AI), uMzabalazo wezoShishino weSine (Fourth Industrial Revolution) ze ngoku ibe ngulo bhubhane wakwihlabathi jikelele. Le meko itshintsha ngokukhawuleza ifuna ukuba iiyunesithi zikhawulezise nangakumbi ekuphenduleni kule mingeni ngelixa zilungiselela abafundi ukuba benze iziphumo ezihle ekuhlaleni.

Ngo-2020 i-MGD iye yaphendula ngokumilisela isifundo esifutshane – esokuqala sodidi Iwaso – nesimalunga nokuPhucula uBomi obungokuziBandakanya (Advancing Engaged Citizenship - AEC). Injongo yesi sifundo kukuqhagamshelanisa abafundi base-SU kune nentlaninge yamathuba okuvolontiya esizwe ukuze bafumane ulwazi nezakhono zokuba ngabemi abazibandakanyayo ngelixa befunda nangelixa lokungena kwabo emsebenzini. Esi sifundo sisesokuqala seenyanga ezine se-AEC saqala ngo-2020 kuneen neenkokheli zabafundi beZiphumo zangokweNtlalo ezingama-32 neenkokheli zolutsha ezingama-20 ezsuka kwiProjekthi ye-e'Bosch engaMafa emveli nezinze eStellenbosch.

Esi sifundo sinika ingqwalasela kwimodyuli ezimalunga nokuFikelela kwingcaciso nokuyihlaluty, ukuNxanelwa ulwazi nokuba neMifanekiso-ngqondweni, ukuKhawulezisa nokuQhelana neemeko, uSetyenziswano kuThungelwano Jikelele nokuKhokela ngeFuthe, uNxibelwano ngoMlomo nangokuBhala oluSebenzayo, aMaphulo nobuSomashishini, nokuCinga Nzulu nokuSombulula iiNgxaki. Siprezentwa liZiko loQeqesho nenQqesho elingaphakathi kwi-MGD. Elo ziko lenza ukuba abafundi babe nako ukuzuza amava okuzibandakanya noluntu kwinqanaba lesizwe. Isifundo se-AEC liyaqatshelwa yi-Ofisi yase-SU yezeKharityhulam kwaye siza kuba yinxalenyen yamaphepha ezemfund eenkokheli zabafundi beziphumo zangokwentlalo. Ukongeza, siqinisekisa ukuba uqequeso lwe-MGD luhlala lufanelekile kwimiba etshisa ibunzi nemingeni ejongene noluntu loMzantsi Afrika nehlabathi.

Ngo-2020, ubhubhane we-Covid-19 uye wanyanzela i-MGD ukuba isuke ekusebenzisaneni noluntu ubuso



ngobuso ukuze iphephe umngcipheko wolosuleleko. Ekuphenduleni koku, i-MGD yaye yamilisela isifundo sange-intanethi sokuvolontiya kwaye ngoko ibulela ubudlelwane bayo ne-ForGood – ipothali yesizwe yokuvolontiya enge-intanethi neqhangamshelanisa abantu nemisebenzi namaphulo eMzantsi Afrika jikelele. Esi sifundo sokuvolontiya sjoliswe kubafundi bezentalo-ntle abenza unyaka wesibini ukuze babonelelwne ngelixa lakwi-intanethi lokufumana ubuvolontiya obusekelwe kumsebenzi ngelixa besebenzisa ulwazi lwabo kuluntu olwahluka-hlukenyeyo. Abafundi baza kuggiba iiyure ezingama-30 ukuya kwezingama-50 zokuvolontiya, nalapho bayo kuthi emva koko bafumane isetifiketi esisuka kubaphathi base-SU ukuqinisekisa isifundo esifutshane abasigqibileyo.

Ngamaphulo anje ngeli, i-MGD iphendula kwimingeni yokwenene kubomi bokwenene kwaye ikhuthaza ubumi obungokusebenza ngokusebenzisa amathuba ange-intanethi okuvolontiya ukulungiselela izithwala-ndwe zethu, mathuba lawo azincedayo ukuba zizuze amava kwintlobo zemisebenzi eziyenzayo ngelixa zisabelana ngolwazi Iwezfundo olukrelekrele kune nemibutho yesizwe eyahluka-hlukenyeyo.

Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe malunga nesi sifundo se-AEC, ngena kule webhusayithi <https://shortcourses.sun.ac.za/courses/c-5/2021-5557.html>

*Ukutshintsha ihlabathi  
ngeNYATHelo ngalinye  
ngexesha*



AIRPERSON

# *Ithuba lesibini kungakhathalisekanga ubukho be-Covid*

I-SciMathsUS, isishunqulelo senkqubo yezeNzululwazi (kunye) neZibalo (kwi)Yunivesithi yaseStellenbosch, incedisa abafundi ekubeni bafaneleke ukuba bafunde kule yunivesithi. Yenza inxalenyen yentlaninge yeeyuniti ezingaphakathi kwiFakhalthi yezeMfundu kwaye ngokukodwa kwiZiko leYunivesithi yaseStellenbosch yokuFundisa (SUNCEP).

Ukususela ekuqalisweni kwayo ngo-2001, abafundi abali-I 697 bebonke ekuyiqhubeni kwabo ngempumelelo le nkqubo ngo-85% baye babhalisa kwiYunivesithi yaseStellenbosch. Le nkqubo iye yongeza ngokubonakalayo kwiprofayili yokwahluka-hlukana yale yunivesithi. Ngokomthetho kubekwa phambili abafundi abasuka kwiimeko zezemfundo ezingathathi ntweni nabathi bathintelwa yinkqubo yemfundu nezikolo abafunde kuzo, ekubeni babonakalise amandala abo ezemfundu ukuze bafikelele kwimfundo ephakamileyo.

I-SciMathUS nekwaziwa njengeNkqubo yokuLungiselela iYunivesithi kunikezelwa ngayo kubafundi, abaliphumeleleyo iBanga le-12 ngobuncinane be-avareyiji yama-60% kodwa baza abatyunjwa ngokwekhrayitheriya yokutumba yenqubo

leyo ithile umfundu afuna ukuyifunda. Ngale nkqubo abafundi babonelelwa ngethuba lokuphucula iziphumo zeSatifikethi

seBanga leShumi elinambini (National Senior Certificate – NSC) kwizifundo ezithile (iZibalo, ezeNzululwazi ne-Akhawuntingi) ukuze babe nako ukufaka izicelo zokuthathwa eyunivesithi ngokutsha. Le nkqubo ikwabonelela ngeemodyuli ezincedisayo nezingachotshelwa viwo, eziziZifundo zeKhompyutha, neziFundo zokuFunda nokuBhala ngokwezeMfundu ukulungiselela ukuphucula nangakumbi ukuguqlulwa kweendlela zabafundi zokufunda ze baziswe kwiindlela zokufunda zemfundo ephakamileyo.


Ngelixa lobhubhane kuye kwafunyaniswa ngokukhawuleza ukuba abafundi abaninzi abanawo amava okufunda bekude kwaye ngokusetyenziswa kwemodyuli yeZifundo zeKhompyutha baye banako ukufumana izakhono zokusebenzisa ikhompyutha nezithe zabavumela ukuba bazibandakanye ngokugcweleyo. Ngokusebenzisa imodyuli yeZifundo zokuFunda nokuBhala kwezemfundo, abafundi baye baxhotyiswa ngezakhono zokucinga

okunzulu, ulawulo lwexesha nezakhono zophando.

Ifuthe lalo bhubhane kuqoqosho loMzantsi Afrika liye lachaphazelwa ngokubonakalayo inani leebhasari nemirikelo ekunikezelwa ngayo yimbutho neenkampani. Ngenxa yoko, inkxaso yezimali echaphazelekayo iye yaba sisigrogriso kumaphulo ezemfundu kodwa ngenxa yokunyamezela nokubuya kwabafundi behlonipha imigqaliselo nemimiselo engqongqo ye-COVID-19, nenkxaso yabafundi inkqubo ye-SciMathUS iye yaqhubekeka.

UNkszn Nokwanda Siyengo, iLungu eliyiNtloko le-SciMathUS, waye wathi ngo-2020 le nkqubo iye yabhiyozela unyaka wayo wama-20 isebezena kwaye iye yangena kwiphulo le-#Changinglives ngenjongo yokudala amathuba amaninzi ngakumbi kubafundi ukuze bafikelele kwawona mandla agcweleyo banawo ezemfundo kule minyaka ingama-202 izayo.

Owyesakuba ngumfundu we-SciMathUS nesithwala-ndwe sesidanga se-BAcc, uNkszn Ezile Mkhosi uye wabelana ngokukulandelayo: “I-SciMathUS sesinye seziggibo ezizezona zihle endakhe ndazenza kwaye isesona sisiseko sihle sokungena eyunivesithi endandisidinga.”





## *Imfundu ngapha kwegumbi lokufundela: abafundi bafaka isandla*

Ngenxa yeziphumo zobhubhane we-Covid-19 ekuhlaleni, abafundi abathatha inxaxheba kwinkqubo ye-Mfundu ngapha kwegumbi lokufundela (Beyond Education) kuye kwafuneka ukuba babe ziinkcuba-buchopho ezicinga nzulu kwaye badale iqonga lokuba abafundi bezifundo zubitshala babe ngaphezulu kokuba nje ngootitshala, kodwa babe zizithunywa zotshintsho lwentlalo kananjalo. Le nkqubo iliphulo lepotifoliyo yeziphumo zangokwentlalo yeKomiti yaBafundi beZifundo zobuTitshala (ESC), nekhokelwe nguMnu Marcel Adams, umfundu owenza unyaka wakhe wesibini kwizifundo ze-BEd zokufundisa abantwana abakuMabanga aPhakathi nosuka kwiFakhalthi yeziFundu zobuTithsala.

Ngenxa yokuvalwa kwezikolo ubukhulu becalal kunya ka-2020, abafundi bezifundo zubitshala khange babe nako ukuzuza amava afanelekileyo eepraktikhali zokufundisa. Oku kuye kwabakhokelela abafundi ekubeni benze amaphulo okuqinisa ulwazi lwabo nawokubonelela ngofikelelo kwiimathiriyeli zokufundisa ezinegalelo ekwenzeni umohluko kwaye zibe neziphumo entlalweni. Ngokuba nako ukuvela kwiimfuno zoluntu, abafundi baye banako ukunceda uluntu ekubeni luhuhlise inkuthalo yalo ngokuthi babonakalise indlela imfundu enokuthi iluncede ekubeni luzalisekise isakhono salo sokuphakamela intlalo enobulungisa nengobulungisa.

Ngelixa lokumiswa ngxi kweentshukumo, u-Adams waye wathi: "Siye saqaphela ukuba ootishala bebengenako ukuyigqiba ikharityhulam yekota yokuqala ngenxa yemigqaliselo yokumiswa ngxi kweentshukumo, saze ke ngoko sagqiba ekubeni sifake isandla."

Oku kuye kwakhokelela kupuhliso lwemithombo yoncedo eyeminye yokunceda abafundi ngeembopheleleko zabo zesikolo kwaye ngokukodwa ibonelele ngenkxaso kwabo babenofikelelo olunezhithello kwizixhobo zokufunda nge-intanethi. lincwadana ze-elektroniki ezelungiselelwe abafundi bamabanga aphantsi ukususela kwiBanga R ukuya kwiBanga le-9 neZixhobo zeMatriki zokuMelana neBanga le-12 zaye zaphuhliswa. Ezo Zixhobo zokuMelana, zaziqulathee izikhokelo zokufunda, iingcebiso zenkuthazo, namacebo eendlela zokuhoyana nempilo yakho yasengqondweni.

"Impilo yethu yasengqondweni inefuthe elikhulu kwindlela esicinga ngayo, esiziva ngayo nesiphatheka ngayo ziimeko ngeemeko. Ikwamisela kananjalo indlela esikhawulelana ngayo noxinzelelo lwengqondo, indlela esinxibelelana ngayo nabanye nendlela esithatha ngayo izigqibo. Ngoko ke kubalulekile ukuba siykhathalele impilo yethu yasengqondweni kwaye sihlale silufuna uncedo ukuba sitsala nzima", utshilo uGqr Lynne Damons, uMhlohli kwiZifundo zokuSebenza kweNgqondo kwezeMfundu.

Ngokunika ingqwalasela eyodwa kwimfundu nangenkxaso yabachaphazeleyo abahluka-hlukaneyo ekuhlaleni nakumashishini, iqela le-Beyond Education laye laba nako ukufaka igalelo elisebenzayo ekufezekisweni kweenjongo ezingophuhliso.

U-Adams waye wathi babe nethemba lokuzisa ulwazi kwaye bagxininise indima yabafundi njengootitshala neenkoheli zexesha elizayo ngeli phulo. Eli phulo lixhomekeke kwinkxaso yabafundi, amashishini noluntu lwasekuhaleni ukuze liqhubekeke lisenza iziphumo. Likwasebenzisa kananjalo namandla amaqonga ezonxibelelwano nee-aplikheyishini ezifana noWhatsApp ukuthatha imfundu liyise ngapha kwegumbi lokufundela, lifikelele kuluntu olukude ngokubanzi.



# INcwadana yeSikhokelo sezeMisebenzi yeBanga le-9



Iprojekthi yeSikhokelo sezeMisebenzi liphulo lokufunda ukusebenzela uluntu eliphuhliselwe ukuxhasa abafundi beBanga le-9 abasuka kwizikolo ezsibhoso ekukhetheni kwabo izifundo emabazenze nasekucwangciseni imisebenzi abafuna ukuyenza. Eli liphulo elingentsebenziswano elikhokelwe nguNjing Anthony Naidoo osuka kwiSebe leziFundo zokuSebenza kweNgqondo kwiFakhalthi yezobuGcisa neeNzululwazi zezeNtlalo noGqr Michelle Visser, osuka kwiSebe lezokuSebenza kweNgqondo eMsebenzini kwiFakhalthi yeeNzululwazi zezoQoqoshlo noLawulo.

Ngo-2020, ngenxa yobhubhane we-Covid-19, iqela lale projekthi namaqabane alo kuye kwafuneka ukuba bafumane indlela entsha yokuqhubekeka kwaye bakwenza oko ngokuthi bayiguqule le projekthi isuke ekubeni yiwekhshophu esekelwe kuqhagamshelwano nohlolo iye ekubeni yefanele imeko nganye, nelawulwa ngumfundu buqu ukulungiselela abafundi abali-1 684. Ngenxa yeempumelelo zeli phulo kwiminyaka engaphambili, eli qela liye lakukhuthalela ukudibanisa nokuphucula izifundo ezifundiweyo. Intlanganiso yokugqibela yale projekthi yenzeka ngenyanga yoMdumba kwaye utelelo lokuqala lokuya kwizikolo ezingamahlakani ezsibhoso Iwaye Iwagqitywa ngelixa leveki yokuqala yenyanga yoKwindla. Ngelixa lokunyanzeliswa kwamanyethelo okumiswa ngxi kweentshukumo noegelelwano Iwabantu ngenxa ye-COVID-19, kuye kwabakho ukungaquiniseki okukhulu malunga nokuqhubekeka kwale projekthi.

Phantsi kweemeko ezintsha ezivelayo, iqela laye lathathela ingqalelo ukuyila ngokutsha umxholo wemanyuwali yewekhshophu edlulileyo ukuze ibe yincwadana yesikhokelo sezemisebenzi elawulwa ngumntu buqu nexhaswa yimithombo yoncedo eyongezelelekileyo nefumaneka kwiwebhusayithi yeli phulo (<https://careerguidanceproject.co.za>).

Le ncwadana yaye yaguqulelwa kwifomathi eguguqukayo, enemibala ngemibala nengentsebenziswano enikezelwa ngesiNgesi nangesi-Afrikansi, nalapho umfundu weBanga le-9 anokuyigcwala aze ayisebenzise ngesantya esisesakhe. Le ncwadana kune nepakethi yezinto ezityiwayo yayihanjiwa kwizikolo ezalhuka-hlukenyoso ngelixa leveki yokuqala yenyanga yeDwarha ngo-2020. Ukkhuthaza abafundi ukuba bayigcwaliwe le ncwadana, kwaye kwamiselwa ukhutshiswano lwezincoko.

lindlela ezixutyiweyo zovavanyo zaye zaqinisekisa iziphumo ezihle eyathi yaba nazo le ncwadana ekulungeleni kwabafundi

imisebenzi. Izimvo ezakhayo zaye zakuncoma ukusebenza kwale ncwadana ngokujoliswe ekuncediseni abafundi ekucwangciseni imisebenzi abafuna ukuyenza nemikhondo abafuna ukuyilandela, ukukhetha kwabo izifundo abafuna ukuzenza, nokuzifumana kwabo buqu. Abafundi baye bavakalisa indlela le ncwadana eyathi "yandinceda ekubeni ndithathole ingqalelo amabakala abalulekileyo omsebenzi endifuna ukuwenza", "yandinceda ekubeni ndikhethi izifundo endifuna ukuzenza", kwaye "yandinceda ekubeni ndizifumane mna buqu", kwa nokuba "kube mnandi kananjalo ukuyifunda le ncwadana" kwaye "ndiyawkazi oko ndifuna ukuba kuko ebomini".

Ootitshala be-Life Orientation baye bayichaza le ncwadana "njengevaka lula kakhulu", kwaye "njengelula ukusebenziseka ebafundini", kodwa baze bakukhuthaza ngamandla ukwenziwa kweeseshoni zoqhagamshelwano kune nabafundi ukuze konyuswe izinga lokusetyenziswa kwale ncwadana. Ngokungakhathaliseki kwimiqobo emininzi neemeiko ezingenakuqikelelwa kwa ngaphambili eziziswe ngubhubhane we-COVID-19, likhona ithuba elifana lodwa eliphilayo, kutsho uNaidoo "lokuba siphume eqokobheni kwaye sicinge ngokubambisana".

A career guidance resource by the Departments of Industrial Psychology and Psychology, Stellenbosch University

**Grade 9 Self-Directed Career Guidance Booklet**

Name: \_\_\_\_\_  
Grade: \_\_\_\_\_  
School: \_\_\_\_\_  
Date: \_\_\_\_\_



## I-TRAC SA ifezekisa impumelelo bungakhathalisekanga ubukho bemingeni ye- Covid-19

Bungakhathalisekanga ubukho bemingeni yobhubhane we-Covid-19, i-TRAC South Africa – inkqubo yongenelelo lwezemfundu ezinze kwiFakhalthi yobuNjineli yeYunivesithi yaseStellenbosch – iye yaba nako ukuncedisa abafundi beBanga le- I I neBanga le-12 abangama-5 565 abasuka kwizikolo zamabanga aphezulu ezingama-85 kwizifundo zeZibalo nezeeNzululwazi ngo-2020. Baye kananjalo bawufezekisa umsebenzi wabo wokuncedisa abafundi ngezeloko zabo zokungena kwizifundo zemfundu ephakamileyo neebhasari.

Iqela elili-107 labafundi be-TRAC (iZiko loSetyenziswa kweTekhnoloji kuPhando) baseMzantsi Afrika baye babhalisa e-SU ngo-2020.

I-TRAC, nekunjongo yayo ikukusiphula neengcambu intlupheko ngokusebenzisa imfundu esemgangathweni, isebezeni kwizikolo zoMzantsi Afrika zamabanga aphezulu ukususela ngo-1994.

Idala ixabiso ngokusebenzisa iqhinga longenelelo elingunxanta – ungenelelo lwezemfundu kwizifundo zeZibalo nezeeNzululwazi, uncediso ngezeloko zokungena kumaziko emfundu ephakamileyo, nokuchotshelwa kwenqubo yokufakwa kwezeloko zeebahsari.

Ukabaluleka kwale nkqubo kwaye kwagxininiwa nguNkskz Nelisa Hopa, inqununu yesikolo samabanga aphezulu i-Bardale Secondary School esise-Blue Downs, noye wabonakala ukuba iziphumo zesi sikolo kwizifundo zeeNzululwazi ziye zonyuka ngokubaxekileyo emva kokubandakanya kwe-TRAC SA.

“Singathanda ukubona abanye babafundi bethu kwixesha elizayo betshatshela kuphando nobuchule bokukhawulelana noobhubhane abafana ne-Covid-19 neminye imingeni, kodwa le minqweno ingafezekiseka kuhela ngenkxaso yenu eqhubekayao ngakubafundi bethu.”

NgokukaNszn Debby Oliver, uMlawuli we-TRAC SA, i-Covid-19 iye yabachaphazela ngokubonakalayo – ngokomsebenzi nangokwezimali.

“Ukongezwa kwexesha lokuvalwa kwezikolo kuye kwehlisa ixesha elifumanekayo esasinalo kunye nabafundi

ukubalungiselela iimviwo zabo zokuphela konyaka nokugcwala isicelo ezhithathu ubuncinane zokungena kumaziko emfundu ephakamileyo kumfundu ngamnye ngokomsebenzi wethu omiselweyo.”

Umsebenzi wamaqela ngamaqela nokufundisana koontangandini kwaye kwanyanzeleka ukuba kuheliswe ngenxa yemigqaliselo yokuqevelana kwabantu ye-Covid-19 namaxabiso edatha enza ukuba ukuzibandakanya ekufundeni nge-intanethi kube yinto ephantse ingabinako ukwenzeka.

“Kwaye kwafuneka ukuba sitshintshele kwindlela yokufundisa engezibonaliso kwaye kwafuneka ukuba silungiselele iiseshoni ezininzi zangeeyure zasemva kwezokusebenza ukuze siqinisekise ukuba sinako ukuyigqiba imisebenzi yethu yonyaka,” ucacise watsho uOlivier.

I-TRAC SA kungoku nje ipuhlisa imodeli entsha yongenelelo neza kuqinisekisa iziphumo eziphucukileyo zeziphumo ngokungakhathaliseki kwimeko yokungabikho kwemisebenzi yamaqela engokufundisana koontangandini, nemodeli yezezimali eza kunciphisa umngcipheko wokuwa kwezoqoqosho okuya kuchaphazel a le nkqubo kwixesha elizayo.



# *Iinqobo ezizisa iinguqu ezikolweni zinefuthe kuluntu*

Iphulo leziphumo zangokwentlalo elaziwa ngokuba siSibane seThemba lizithatha izikolo njengesona sixhobo sibalulekileyo sokuzisa iinguqu kuluntu kule mihra.

Ngokusetyenziswa kweewekhshophu eziqhutywa lixabiso eziprezentelwa ootitshala, amaqela olawulo lwezikolo, amaqumrhu alawula izikolo neenkokheli zabafundi, le projekthi inika ingqwalasela euqinisweni kwesidima sabantu, uphuhliso lomntu buqu nokukhawulelwana namabakala obulungisa bezentlalo nokulingana kwezini.

Le projekthi, nezinze kwiFakhalthi yeZifundo zeNkolo kwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU), isusela ngexesa uMnu Denver Robertson, uSekela-Nqununu wesikolo samabanga aphezulu iTuscany Glen High School eseise-Eerste River, ekrweca abahlolhi base-SU ukuze baxoxe ngemingeni yezemfundo. Yaye yamiselwa kwizikolo zokuqala ngo-2018, kanye noGqr Jeanette De Klerk-Luttig osuka kwiYunithi yobuNkokheli obungokuZiphatha njengomquuzeleli waloo wekhshophu.

“Izikolo ezininzi zijamelana nemingeni emikhulu yezentlalo efana nentlupheko, ubugintsa, usetyenziso gwenxa lweziyobisi, ukungabikho kweenqobo zokuziphatha nokungaqhube kakuhle ezifundweni. Ukudalwa kweemeko ezifanele ukukhula nophuhliso kuxhomekeke kwisakhono sokuba nefuthe kwinkqubo yezemfundo iyonke,” zicacise zatsho iinkokheli zeprojekthi uGqr Chris Jones osuka kwiYunithi yobuNkokheli obungokuZiphatha e-SU, nase-Robertson.

“Kuyadingeka kananjalo ukuba siqinisekise

ukuba izikolo zethu zilawulwa ngokufanelekileyo kwaye zongeza ixabiso. Oku kuthetha ubukho bamaqela olawulo namaqumrhu olawulo lwezikolo anobuchule, ubukho bobunkokheli obakhekileyo nobuqhutywa ngabafundi nezakheko zolawulo, abahlolhi abakhuthazekileyo nabaxhotyisiwego, izifundo ezinika ingqwalasela kwikamva nezifanelekileyo, ukuvezwa kwamathuba emva kwematriki, ukufumaneka kwesikhokelo sezemisebenzi nophuhliso lwabafundi kwinqanaba lomfundi buqu.”

*“Imfundu inganceda ekukhawulelaneni nezidingo zelizwe lethu ngokuhambisa abantu abatsha abazimiseleyo kwaye abakwaziyo ukukhawulelana nemingeni esijamelene nayo sisizizwe.”*

NgokukaMnu Cedric Williams, iNqununu yesikolo samabanga aphezulu i-Eersterivier Secondary School, enye yezinto ezazibalulayo ngelixa lewkhshophu leyo yayingumbono wokuba iinqobo eziqinileyo ziza kudala imeko yootitshala nabafundi abonwabileyo kunangaphambili.

“Isikolo yindawo apho abafundi nootitshala kufuneka bonwabe, kwaye iinqobo zinegalelo elikhulu kwisimo sengondo.”

linkokheli zale projekthi zazicwangcise ukuyandisa le projekthi ukuze iuke ukuthetharishwa kwabafundi beBanga le-11 nabeBanga le-12 e-SU ngo-2020, kodwa oko kwaye kwamiswa ngenxa yobhubhane we-Covid-19.

“Siyathemba ukuba ungenelelo lwethu luza kuba nefuthe elihle eluntwini ngokumbaxa. Imfundu inganceda ekukhawulelaneni nezidingo zelizwe lethu ngokuhambisa abantu abatsha abazimiseleyo kwaye abakwaziyo ukukhawulelana nemingeni esijamelene nayo sisizizwe,” kutsho iinkokheli zale projekthi.



## *Ingcaciso enxulumene ne-Covid-19 yenziwa ukuba ifikeleleke kwabo baneengxaki zokuva ngeendlebe*

Iphulo leziphumo zangokwentalalo kwiFakhalthi yezobuGcisa neeNzululwazi zezeNtlalo linenjongo yokwenza ingcaciso ephathelene ne-Covid-19 ukuba ifikeleleke nangakumbi kwabo bangevayo ngeendlebe ngokudala imithombo yoncedo ngengcaciso ibe ngoLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika (SASL).

Le projekthi isusela kwiSibe lezeeLwimi Jikelele apho ikhoyo ilebhu yase-SU yezandla, iyunithi yophuhliso Iwemathiriyeli yekharityhulam exhaswa ngezimali liSebe lezeMfundu leNtshona Koloni.

Oodade abakhubazeke ngokungeva ngeendlebe uNkszn Vanessa Reyneke noNkszn Stephanie Lotz baye baqaphela ukuba ingcaciso emalunga ne-Covid-19 efumanekayo kumaqonga ahluka-hlukaneyo yayijoliswe kabantu abevayo ngeendlebe ubukhulu becalo.

“Abantu abaninzi abangevayo ngeendlebe babengaylandeli imigaqo kuba babengazi ukuba ithini imigaqo leyo. Saye saqaphela ukuba kufuneka senze ingcaciso engokuphatelene ne-Covid-19 ukuba ifumanekayo ngoLwimi lokuThetha ngeNtliziy (SASL) ukuru abantu abangevayo ngeendlebe babe nako ukuyiqonda le ngxaki kwaye babe nako ukuzikhusela,” ucacisa atsho uReyneke.

Baye bafumana inkxaso esuka kwiNgxowa-mali engeQhinga yabeZiphumo zangokweNtlalo yeYunivesithi yaseStellenbosch (SU) kwaye inyathelo labo lokuqala yayikukusondela kuluntu oluNgevayo ngeendlebe baze bafumanise ukuba yeyiphi ingcaciso ekwakufuneka ukuba yenziwe ukuba ifikeleleke ngoLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika (SASL). Baye bagxila kwingcaciso jikelele enjengeendlela zokuzikhusela, oko kwenzekayo xa uthe wavavanywa waza wafumaniseka unayo i-Covid-19, kwa nokuba uzikhwebula njani kwaye

nini kwabanye abantu. Aba dade baye bancediswa zitoliki zolwimi lokuthetha ngezandla nabasasazi abangevayo ngeendlebe abaziqonda kakuhle iimfuno zoluntu olungevayo ngeendlebe.

Yonke imithombo yoncedo iyafumaneka simahla kwikhasi lelebhu yezandla yase-US lika-Facebook, igama lalo lithi Covid-19 in SASL, kunye nejelo lika-YouTube elenzelwe umbandela wokwabelana ngezi vidiyo.

Eli qela laye lacelwa kananjalo zizikolo zabo bangevayo ngeendlebe ukuba liqlunqe imathiriyeli esebeziseka lula ebantwaneni emalunga ne-Covid-19. Emva kokukhawulelana nezona mfuno zizezona zingxamisekileyo ngokujoliswe ekuhlaleni usempilweni ngokomzimba, eli qela lingathanda ukunika ingqwalasela kwingcaciso emalunga nefuthe le-Covid-19 kwimpilo yasengqondweni.

NgokukaReyneke, babe nethembra lokuba abavelisi bemixholo namaqonga osasazo lweendaba baza kuqalisa ukugxila ekwenzeni ukuba imathiriyeli ifikeleleke ngakumbi kuluntu olungevayo ngeendlebe ngokusebenzia iisabhtayitile okanye itoliki, umzekelo, nto leyo yayiza kwenza ukuba kube nako ukwenzeka ukuba abantu abangevayo ngeendlebe bahlale bexhobisekile ngolwazi nokuze bagcine bona iziqu zabo nabo babangqongileyo bekhusekekile.

“Ngokufikeleka kwezi vidiyo ngeendlela ezimbini zoLwimi lokuThetha ngokuSebenzia iZandla loMzantsi Afrika (SASL), iYunivesithi yaseStellenbosch yenze umsebenzi obalaseleyo nobalulekileyo ukuqinisekisa ukuba ngoku sinofikelelo olugcweleyo kwingcaciso echanekileyo ngaphandle kokuba kude kufuneke ukuba siyifunde ngolunye ulwimi okanye sicele abanye abantu ukuba basicacisele,” olo ibe luluvu lwamalungu oluntu olungevayo ngeendlebe.



## *Indawo yokhuselo elungiselelwe abantwana abasesichengeni*

Ngokonyuka okungapheziyo kokuba sesichengeni kwabantwana nefuthe lobhubhane we-Covid-19, imfuneko yemeko ekhuselkuleyo nenothando idingeka kakhulu. I-Heartlands Baby Sanctuary, nezinze eSomerset West eNtshona Koloni, liZiko loKhathalelo IwaBantwana noLutsha elibonelela ngokhathalelo Iwethutuya, lwendawo yokuhlla kubantwana abaziinkedama, abalahliwego, abaxhaphazekileyo, abasesichengeni nabantwana abagulayo ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka e-6 yobudala kubantwana abangama-25 ngalo naliphi na ixesha.

Abantwana bakule ndawo yokhuselo, abavamise ukuba ngamaxhoba emingeni enobizaza yezentlalo nezoqoqosho eluntwini, bayangeniswa ngenxa yomyalelo wenkundla ohlala isithuba seenyanga ezintathu. Xa umntwana lowo enokuthi adinge ukhathalelo olulonye (olwempilo, olwasengqondweni, nolokukhuliswa/uPhuhliso IwaBantwana abaseLula)) kuye kukhutshwe umyalelo wenkundla ongomnye. Ngelixa ukubuyelaniswa kwabo neentsapho zabo okunokwenzeka kuhlala kubekwa phambili, kungenjalo ukhathalelo Iwfosta, iziko elilelinye okanye inkqubo ye-adopshini iyaphengululwa kwaye ithathelwe ingqalelo.

Le ndawo yokhuselo ibonelela ngendawo yokufihla intloko, izidlo ezinempilo, iimpahla zokunxiba, ucoceko, ukhathalelo Iwasempfumlwensi nolwangokwasengqondweni kubantwana abasesichengeni. Abantwana abaneemvelaphi ezinjalo bavamise ukucotha ekuphuhleni kokukhula kwabo kwaye bafuna isihoyo nokhathalelo olkhethekileyo. Uku kuncitshiswe ukucotha kokuphuhla kokukhula, kuye kwaziswa inkqubo ye-ECD nokukhuliswa kwabantwana kwaye iyenze yeenkonzo eziziintsika eziphambili. Ezinje iintsika

zeenkonzo ziukua inkqubo yendlu yokhathalelo nokhathalelo Iwangokwasengqondweni.

*Le ndawo yokhuselo ibonelela  
ngokhathalelo Iwabantwana  
eluntwini.*

Ukuququzelela nokuphucula inkqubo yoluteko nohlanganiso, abazali bangafumana uqequesho ukuze baxhobiseke ngokungcono ekukhathaleleni abantwana babo xa bebuyele ekhaya okanye xa bephumile esibhedlele. UNkszn Monica Buitendag, iGosa eliPhezulu leSigqeba (CEO), uthe le ndawo yokhuselo ibonelela ngokhathalelo Iwabantwana eluntwini kwaye ubandakanyeko loluntu lubalulekile ekuquinisekiseni uzinzo Iweenkonzo ekubonelelwya ngazo.

Kutsha nje, le ndawo yokhuselo iye yaqtshelwa ngabe-International Prestige Awards (UK) njengetyona nkondo yokhathalelo Iwabantwana ihamba phambili eMzantsi Afrika. Iminqweno yale ndawo yokhuselo kukuqhubekeka nokubonelela ngokhathalelo ngendawo yokuhlla olusemgangathweni ophezulu nenkxaso kubantwana abasemngciphekweni neentsapho zabo ngendlela epheleleyo nangeenkalo ezinanzi. IYunesithi yaseStellenbosch, ngoNjing Gideon Wolfaardt osuka kwisBe leMayikhrobhayoloji kwifakhalthi yeNzululwazi kwaye ngokusebenziana neFakhalthi yeeNzululwazi zezoLimo, iCandelo leZityalo zaseManzini, neSebe le-Agronomy, iye yazibandakanya nale ndawo yokhuselo ukuxhasa ubonelelo ngokutya okunempilo nokuphuhliswa kwezisombululo eziluqilima kule ndawo yokhuselo.

# *Ukufundu ngezonyango kuyaqhubekekwa ngokusetyenziswa kohlolo lwasekhayeni nge-intanethi*

Ukuqinisekisa ukuba abafundi beYunivesithi yaseStellenbosch (SU) bakwiFakhalthi yezoNyango neeNzululwazi zezeMpilo bayaqhubekekwa nemisebenzi yabo yezifundo zezonyango ngo-2020, iProjekthi yeZiko i-Ukwanda Centre for Rural Health's Collaborative Care Project, eliziklokhathalelo lwempilo yasemaphandleni ngobanjiswano yaye yaqalisa utyelelo Iwasemakhayeni ngelixa lobhubhane we-Covid-19.

NgeProjekthi yoKhathalelo ngoBanjiswano i-Ukwanda, abafundi beenzululwazi zezempiro abangekathwali zidanga basebenza nabasebenzi bezempiro basekuhlaleni kwi-Avian Park yaseWorcester noluntu IwaseZwelethemba kwaye baqhuba utyelelo Iwasemakhayeni njengenxalenyne yoqequesho Iwabo Iwezonyango. Aba bafundi bathi ke ngoko benze ingxelo eya kwiqela labafundi abasuka kwizifundo ezaahlukahlukeneyo ukuze bagqibe ngolawulo oluqhubekekayo Iwezigulane.

Ukuhlasela kwe-Covid-19 olu tyelelo kwaye kwafuneka ukuba lutshintshele kwiqonga lange-intanethi.

Endaweni yokutyelela izigulane emakhayeni azo, umfundi othile wayethi azitsalele umxeba izigulane ezo. Xa bengenako ukufumana ukuqonda okuvakalayo koko kwenzekayo okanye xa bexhalabile, umsebenzi wezempiro woluntu wayethunyelwa ukuba atyelele isigulane eso aze asebenzisane nabafundi ngomnxeba welizwi okanye wevidiyo ekwikhaya lesigulane eso.

I Candelo lase-SU leZiphumo zangokweNtlalo laye lanikezela ngesibonelelo kwiProjekthi yoKhathalelo ngeNtsebenziswano i-Ukwanda ukulungiselela iprojekthi yotyelelo Iwasekhaya nge-intanethi. Ngale projekthi abasebenzi bezempiro boluntu babonelelw ngedatha ukuze babe nako ukunxibelana nabafundi ngo-WhatsApp.

“Upando Iwethu luye Iwabonakalisa ukuba abafundi benza iziphumo eziphonakalayo ngokujoliswe kukhathalelo Iwezigulane ngokusetyenziswa kotelelo Iwasekhaya. Utyelelo Iwasekhaya nge-intanethi Iwaye Iwasivumela ukuba siqhubekeke nokunceda abantu kwezi ndawo,” ucacise watsho uNkszn Jana Müller, uMququzeleli weProjekthi yoKhathalelo ngeNtsebenziswano i-Ukwanda.

“Le projekthi ayiphelelanga nje ekuvumeleni ulandelelo Iwezigulane nge-intanethi, kodwa neengxoxo zolwazi zamaqela eenkalo ngeenkalo ezingentsebenziswano kwiqonga elinge-intanethi. Okubaluleke nangakumbi, iye yabonakalisa ixabiso lokuzibandakanya nabasebenzi bezempiro basekuhlaleni abasebenza noluntu ukuze benze ulandelelo Iwezigulane ze bathintele ukungeniswa kwakhona kwezigulane ezo ezibhedlele okanye ukvela kweengxaki ezizezinye kwizigulane ezo. La ngamava amakhulu okufunda kubafundi, ingakumbi izigulane ezhhlala kwimimandla esemaphandleni aphoon urikelelo kukhathalelo lwempilo lunesithintelo.”

NgokukaNkszn Nandipha Klaas, omnye wabasebenzi bezempiro boluntu, utyelelo Iwasekhaya olunge-intanethi luye Iwabavumela ukuba baqhubekeke besebenzela uluntu ngokuthi lubaqhagamshelanise nabasebenzi bezonyango.

“Kukho imfuneko enkulu yale nkondo, kwaye ibalulekile kwizigulane nakuluntu ngokubanzo.





## *Ukujongwa kwezidingo zezesondlo ngelixa le-Covid-19*

Ubhubhane we-Covid-19 waye wanika abafundi abenza unyaka wabo wokuGqibela kwiZifundo zeeNdlela zoKutya abathatha inxaxheba kwinkqubo ye-Ukwanda for Dietics ithuba lokufumana amava angakumbi kukhathalelo Iwempilo olusebenzayo noluhlangeneyo nokuba bazibandakanye nentlaninge embaxa yamaqonga ekubonelelwa ngawo yimibutho engekho phantsi korhulumente (NGOs) nemibutho esekelwe eluntwini (CBOs).

Inkqubo yeziphumo zangokwentalo inikezela ngeenkonzo zezempi nesondlo kumaqonga asemaphandleni oqequeso eWorcester naseHermanus kwaye igxila inika ingqwalasela ekuhlanganisweni kweenkalo ezintathu zeZifundo zeeNdlela zoKutya (isondlo soluntu, ulawulo lwenkonzo yokutya nesondlo esingonyango ngoluleko).

Ngokwesiqhelo, izenzo zongenelelo ziquka imfundu neengcebiso ezingesondlo, inkxaso nodluliselo olungesondlo, ubonelelo ngokhathalelo olungentsebenziswano kwizigulane, utyelelo Iwasekhaya kunye nabasebenzi bezempilo boluntu, uqequeso Iwabasebenzi, uphicotho Iweencwadi zeziko neembono zabantu, ukuxhaswa kwemisebenzi yeenkonzo zokutya, ukucwangcisa kweemenyu, nokuhanjiswa kweentetho zerediyo ezimalunga nemixholo engesondlo. Abaxhamlayo baquka abasebenzi, abantwana nabantu abasuka kwiimeko ezahluka-hlukaneyo, njengeekhreshi, amakhaya okugcina iinkonde, iifama, iifem, iSebe lezonyango IwezeMpilo, izibhedlele neeyunithi ezihambayo, nezinye ii-CBO.

Noko kunjalo, ngenxa yobhubhane we-Covid-19 nezithintelo ezalandelayo ngo-2020, amaqonga oqequeso aseWorcester naseHermanus kwaye kwangafikeleiki kuwo.

“Le nkqubo yaye yamkelwa ngokweemfuno ezingqalileyo zangelo xesha, ezilubonelelo ngokutya kuluntu olusesichengeni. lindlela zokuphendula kwi-Covid-19 ezingqale kwisondlo zaziquka uphuhliso nolungiselelo Iweeresiphi zesuphu ezinesondlo kwi-CBO, ukudityaniswa kwezikhokelo zeepasile zokutya ezingxamisekileyo, nokuqaliswa koqequeso lweegadi zokutya nophuhliso Iwezakhono. Abafundi nabo baye bazimasa iwebhina ezimalunga nemixholo yesondlo efanelekileyo,” ucacise watsho umququzeleli uGqr Lynette Daniels, umhlohlri kwiCandelo leSondlo saBantu kwiFakhalthi yezoNyango neeNzululwazi zezeMpilo yeYunivesithi yaseStellenbosch.

UNkszn Antoinette Seronne, oqhuba ikhitshi lesuphu eFisantekraal, waye waluvuyela uncedo Iwabafundi. Wayefuna ukwandisa igadi yakhe yemifuni ukuze akhawulelare nemfuneko yokutya eyonyukayo ngelixa lobhubhane nenqubo eyalandelayo yokumiswa ngxi kweentshukumo kwaye wayedinga iingcebiso malunga nezona ndlela zihamba phambili, nezizezona zinesondlo.

“Abanye babafundi baye bandinceda ngegadi, ngelixa abanye bendicacisela ngeendlela zokwenza ukutya okunempilo nokugcwalisisa isisu ngokukhawuleza. Ndiye ndafunda lukhulu kubo.”

Abafundi baphendule kakuhle.

“I-Ukwanda 2020 kungabe kona kwaye kwafuneka itshintshe indawo ekuyo ngenxa yalo bhubbhane, kodwa amava ona zange onakaliswe. Njengomsebenzi ngeendlela zokutya wexesha elizayo ndiye ndafumana ulwazi olubalulekileyo nezakhono ezisembenzayo,” ezo ibe zizimvo zomnye wabafundi.



## *Isixhobo sokuphucula abalimi besintu abasakhasayo*

Jikelele, abafuya beegusha neenkomo abasakhasayo baxhomekeke kwiindlela zesintu zokugcina amarekhodi. Ngelixa uGqr Annelin Molotsi, uMhlohlhi wezifundo zeeNzululwazi ngeZilwanyana, eqqiba iSidanga sakhe seZifundo zoBugqirha kwiFilosofi (PhD) waye wachonga ithuba lophuhliso lwe-aplikheyishini yokugcina amarekhodi yokuncedisa amafama emfuyo asakhasayo eMzantsi Afrika.

Ukuphuhliswa kweNkqubo kaVimba weeNkcukacha wokuLawula iMfuyo (LMDS), i-aplikheyishini yefowuni esebezisa iTekhnoloji yeNgcaciso noNxibelewano (ICT), kungawancedisa amafama ngendlela eyakheke ngakumbi yokugcina amarekhodi nokuphucula iimveliso, nto leyo inokudala amathuba okuba loo mafama lawo angene kwiimarike zamafama ezisemgangathweni njengabavelisi bezilwanyana ezizikhulelayo ngendalo. Amafama emfuyo asakhasayo amaninzi sele eyisebezisa kakade indlela yokufama ngemfuyo enemveliso ephantsi, noko kunjalo, iimveliso zabo azikho kwimarike efanelekileyo ngenxa yokusilela kwamarekhodi okubonakalisa iindlela zabo zobufama.

Nangona nje le aplikheyishini yokugcina amarekhodi isekwinqanaba lophuhliso, injongo kukufumana yonke ingcaciso eyimfuneko eza kunedisa amafama ukuba afikelele kwiimarike zobufama ezinkulu nezfanelekileyo nokuxhomekeke kwiinkqubo nemisebenzi yawo yokufama.

NgokukaMolotsi le aplikheyishini iza kuba negalelo ekuphuculweni koveliso, ukuzala kwezilwanyana, ukufumaneka komkhondo wazo kwaye ibonelele ngolwazi olumalunga nexabiso lezoqoqosho lokufama kwaye ikhokelele ekuphucukeni kwengeniso yomfama lowo.

Ngemigudu engentsebenziswano kune neSebe leNtshona Koloni lezoLimo neBhunga lezoPhando laseMntla-Ntshona, le aplikheyishini iza kubonelela ngofikelelo kwincaciso ize ivumele amafama ukuba abelane ngemingeni aze afumane iingcebiso ezimalunga nokuphucula iindlela zavo zokufama ngexesa elifanelekileyo.

Ngenxa yokuthintelwa kokuhamba-hamba okunyanzeliswa ngubhubhane we-Covid-19 nezigaba zenkqubo yokumiswa ngxi kweentshukumo, kuye kwafuneka ukuba kuphengulwe kwaye kusetyenziswe iindlela ezizezinje zemisebenzi yokuzibandakanya ngokujoliswe kumafama emfuyo asakhasayo amalunga nama-40 kumaphondo iNtshona Koloni noMntla-Ntshona. Oku kuye kwaquka usetyenziso lukaWhatsApp noFacebook ukulungiselela amaqela amafama anamakhasi emibutho yawo.

Umzekelo wale aplikheyishini waye waphuhliswa waza waziswa kwamanye amafama aseNtshona Koloni njengenxalenye yesidanga seeMastazi zeNzululwazi (MSc) kwezoLimo oluLuqilima. Amafama emfuyo asakhasayo, naqulathe ubukhulu becalo abantu abangathathi ntweni kwaye aquka ulutsha namanina, ukusebezisa isixhobo esifana ne-LMDS kuza kubonelela ngeqonga lokuzibandakanya noqoqosho lwamafama amakhulu. Oku kuza kukhokelela ekukhuleni naseluzinzweni lweandelo lamafama emfuyo asakhasayo.

“Njengomfama osemncinci (okwa ngoku nje), ndingathanda ukungena kwimarike, kwaye ukusebezisa le aplikheyishini yokugcina amarekhodi kungaluncedo ekufumaneni inkxaso esuka kwiibhanka.”



# *UkuXhotyiswa ngoLwazi lwezeziMali kuyaqbubekeka buungakhathalisekiangaubukho be-Covid-19*

Konke konke u-58% wamakhaya oMzantsi Afrika afumana uxinzelelo olumandla lwezezimali ngenxa yobhubhane we-Covid-19 nenqubo yokumiswa ngxi kweentshukumo, ngokwe-Old Mutual's Savings and Investment Monitor (OMSIM). Xa kuthelekisa no-2019, ngokubonakalayo baninzi nangaphezulu abemi boMzantsi Afrika nabo abaye bafaka izicelo zeemali-mboleko ezimiselekileyo nezingamiselekanga ngo-2020.

IProjekthi yokuXhotyiswa ngoLwazi lwezeZimali yeKliniki yezoMthetho yeYunivesithi yaseStellenbosch (SU) ifuna ukuxhobisa uluntu lwasekuhlaleni ngokuthi yabelane ngolwazi olumalunga nemiba yezezimali nokwazisa abantu malunga namalungelo abo njengabathengi.

Ngokusebenzisa ubudlelwane obungobanjiswano obakhiwe phakathi kweFakhalthi yezoMthetho, iFakhalthi yeeNzulwazi yezoQoqosho noLawulo, iZiko leeLwimi lase-SU, ii-ofisi zoMlawuli weZikweliti weSizwe noMkhuseli waBathengi waseNtshona Koloni, iSebe lezoPhuhlisu lweNtlalo neKliniki yezoMthetho yase-SU, le projekthi ijonge ukufundisa, ukwandisa ufikelelo kubulungisa, nokuxhasa abantu.

Njengenxaleny ye-FLP, amavolontiya angabafundi abafunda izifundo zezoMthetho weeNkqubo zoLuntu 371 noCwangciso lwezeZimali 378 baprezenta iiseshoni zoxhotyiso malunga nezhakono eisisiseko ekuxhotyisweni kwabantu ngolwazi kwiifama nasezikolweni.

Bungakhathalisekiangauubukho bobhubhane, injongo neqhinga le-FLP zaye zafezekiseka ngo-2020 ngenxa yemisebenzi yetekhnoloji namaqonga obuxhaka-xhaka bale miha.

---

*Ingcaciso yaye yahanjiswa ezikolweni  
nasezifama apho abasebenzi okanye  
abafundi babenako ukuyibukela  
kwaye/ okanye bayimamele kwimeko  
ekhuselekileyo.*


---

Ubhaliso noqequesho Iwamavolontiya angabafundi Iwaye Iwenzeka ngaphambi kwenkqubo yokumiswa ngxi kweentshukumo, kwaye iidrafti zemiprezenzo yabafundi zaye zaxoxwa zaza zavavanywa ngelixa leeseshoni zakwi-intanethi kunye nomququzeleli weprojekthi, uNkskz Susan Louw.

Iqela ngalinye laye lafurmana imixholwana emibini nekwakufuneka ukuba liyilungiselele iprezenteyishini ye-PowerPoint, iphodkhasti okanye ividiyo eyajolisiwe kubafundi okanye kubasebenzi basezfama. Loo mixholwana yayiquka: Umohluko phakathi kwezidingo neemfuno, indlela yokudala ibhajethi, ukabaluleka kokonga, izikweliti ezilungileyo nezingalunganga, amacebo amalunga nenkcitho noMthetho woKhuselo IwaBathengi, namacebo amalunga nezikweliti noMthetho ongeZikweliti weSizwe.

“Izikolo ezili-11 neefama ezi-8 zizonke kummandla waseStellenbosch zaye zafumana uthotho lweeprezenteyishini kwaye, ngokuthobela imigqaliselo ye-Covid-19, ingcaciso yaye yahanjiswa ezikolweni nasezifama apho abasebenzi okanye abafundi babenako ukuyibukela kwaye/ okanye bayimamele kwimeko ekhuselekileyo,” ucacise watsho uLouw.

“Urbanjiswano Iwamaqela kwimeko yakwi-intanethi kwa nokwenziwa kweevidiyo, iiphodkhasti okanye iprezenteyishini ze-PowerPoint nako kuye kwabenza abafundi ukuba balungele iimeko zemisebenzi zexesha elizayo,” uqhube watsho.



# *Izifundo ezingokusingqongileyo ngokusetyenziswa kwezixhobo zokubeka iliso kwizityalo nezilwanyana zasemanzini*

UNjing Jacques Bezuidenhout, iNjingalwazi eliDlelane kwifundo zeFiziksi kwiFakhalthi yeNzululwazi yezoMkholosi, ukhokele iphulo leZiphumo zangokweNtlalo elishloko salo sithi *Izifundo ezingokusingqongileyo ngokusetyenziswa kwezixhobo zokubeka iliso kwizityalo nezilwanyana zasemanzini kunxweme oluseMazantsi e-Afrika (Social Impact Initiative Environmental studies using aquatic biomonitorors around the Southern African coastline)*. Eli phulo lalisusela kwimigudu yezophando engobanjswano kune ye nabe-Joint Institute for Nuclear Research in Russia (JINR) nabe-Saldanha Bay Water Quality Forum Trust, umbutho ongenzi nzuzo ojongene nemeko elungele indalo yeSaldanha Bay neLangebaan Lagoon, neyisayithi yeRamsar.

Ngenxa yemeko yokufudumala komoya kwihiabathi jikelele eqhubekayo efaka igalelo kwiingxaki ezinobuzaza zokusingqongileyo, ukuphengululwa kabanzi nokuqondwa kweenqubo zendalo yaselwandle nasemanxwemeni kungenza igalelo elibonakalayo. Ukuxhaphaka kongcoliseko namaqondo ongcoliseko kudingeka ukuba afundwe, kwaye izixhobo zokubeka iliso kwizityalo nezilwanyana ezinje ngeemaseli nee-oyista ziwufanele kakuhle kakhlulu lo mbandela, ucacise watsho uBezuidenhout.

Eli phulo liphanda iSaldanha Bay, ngelixa olu phononongo lunabela nakwimimandla emikhulu nangakumbi yonxweme IwaseMazantsi e-Afrika ukuze kuhlolwe imoko yokusingqongileyo yendalo nempilo yokutya okusuka elwandle. Ngenxa yokwanda kobufama basemanzini kwihiabathi jikelele, ukuvavanywa kongcoliseko olwahlukahlukeneyo oluchaphazelka ukhuseloko lokutyiwa ngabantu kuya kuba yimfuneko nangakumbi.

UBezuidenhout ucacisa ukuba iziphumo ziza kufumaneka ngokusetyenziswa kwezixhobo zokuhlolwa ungciliseko ezbizwa nge-inductively-coupled plasma-mass spectrometry(ICP-MS) kwiindawo ezahlukenyeyo ukususela kwimimandla ecocekileyo ukuya kuleyo iqondakala njengengcolisekileyo. Olu hlobo Iwesixhobo lusebenzia i-inductively coupled plasma ukuhlalutya iisampuli. Kuza kwensiwa uhlalutyo Iwe-ICP-MS, ze kufunxwe iindawo ezo zinongcoliseko. Kuza kugxininiswa kwii-elementi ezinobumdaka nee-elementi ezinxulmene nongcoliseko. I-ICP-MS incediswa yi-Neutron Activation Analysis eqhutywa kwi-JINR eRashiya.

Bungakhathalisekanga ubukho beziphumo ze-Covid-19 kushishino olungokutya okusuka elwandle, amafama ezityalo nezilwanyana zasemanzini angazuza ngezindululo ezenziweyo zokovelisa ukutya okusuka emanzini okuneelementi ezimdaka kancinci nezinongcoliseko oluncinci. Lindawo ezikuzo neziphumo zangamaxhesha athile onyaka

zee-elementi ezingcolileyo zingamiselwa, ze loo nto incede amafama ukuba ukuba asebenze ngendlela eza kuthintela ungciliseko Iwemfuyo yawo. Ubuninzi bezo elementi buya kuba sisibonakalisi sokuxhaphaka kongcoliseko kwaye ezo ziphumo zingahanjiswa kushishino ngabeSaldanha Bay Water Quality Forum Trust ukuncedisa ushishino ukuba liziphephe iziphumo ezibi. Icandelo lezoshishino liza kuba nako ukwehlisa iziphumo ezingokusingqongileyo elinazo kwi-Bay nakwi-Lagoon ngokumisela izindululo zeli phulo.



# *Ukuphandwa kweenguqu kwimilinganiso yobunzulu beSaldanha Bay*

UGqr Ivan Henrico, onguMhlohl oMkhulu kwizifundo zejografi yezoMkhosi nosebenza ngokukodwa ngokusezelu umkhondo kude neenkubo zengcaciso engamabala kwezejografi, ebesoloko ephanda iinguqu kwimilinganiso yobunzulu beSaldanha Bay kule minyaka ingamashumi amane idlulileyo. Le milinganiso yinzululwazi esetyenziselwa ukuphonononga ubunzulu bomphantsi wolwandle.

Umohluko phakathi kobunzulu bamanzi, ukuthambeka kwaphantsi kwamanzi nokwakheka komphantsi wolwandle kuza kuphandwa ngokusetyenziswa kwenkubo yengcaciso yejografi (GIS) ukuze kumiselwe iinguqu kwinkqubo zokuguqu-guquka kwasemanzini zaseSaldanha Bay njengesiphumo sezakheko ezikumazibuko ezenzeka ngeminyaka yoo-1970. Ukwakhwa kwela zibuko kwakuquka ukugrunjwa okumandla nanto leyo yakhokelela ekususweni komhlaba ongange-30 million m<sup>3</sup>.

---

*Idatha leyo ebonakalisa iziphumo zeminyaka engaphezu kwengama-40 (1977-2021) iż-a kuba negalelo ekulweni ngeqhingga nangakumbi ukhukhuliseko nefuthe lezityalo neżilwanyana eziphila emanżini ngaphakathi kunxweme olo.*

---

Uphando lokuqala kule projekthi lwave lwaqqamisa imfuneko yedatha entsha neħlażiyyewo yemilinganiso yobunzulu bamanzi eSaldanha Bay; kwaze emva koko, kwamiselwa intlanganiso kune nomħoli wamanzi we-SA Navy. Kwaye kwanikezelwa ngesiphumezo sokuthatha umlinganiso weSaldanha Bay iyonke ngaphambi kokuphela kuka-2020.


Elo phulo liya kuthi ke ngoko limisele indlela inkubo yokwenzeka kwentlenje eSaldanha Bay eyathi yatshintsha ngayo emva kokwakhwa kwezibuko ngo-1976 xa kuthelkiswa nemeko ekhoyo ngoku. Liza kubonelela ngengcaciso ebalulekileyo kwimeko yangoku yokhukhuliseko lolwandle nemeni yokwenzeka kodongwe ekhoyo phakathi kwiSaldanha Bay.

Eli phulo liye lafumana umdla osuka kwabeForam yaManzi yakuMasipala wase-Saldanha neSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhlio laseNtshona Koloni. UNjing Burghard Flemming, umphandi owaqhuba uphando kwade kwaba ngo-1977, waye wathabathea leli phulo kwaye usebenza njengomcebisi kulo.

Esona siphumo sikhulu solu phononongo sibonakalisa ukuba i-Saldanha Bay yaye yenzeka ngendalo kwisithuba eside sexesa kwa nendlela loo nkqubo yendalo etshintsha ngayo ngenxa yemisebenzi yabantu ezisa ungciliseko. Idatha leyo ebonakalisa iziphumo zeminyaka engaphezu kwengama-40 (1977-2021) iż-a kuba negalelo ekulweni ngeqhingga nangakumbi ukhukhuliseko nefuthe lezityalo neżilwanyana eziphila emanżini ngaphakathi kunxweme olo.

UMnu Piet Van Zyl, oyitloko yeSebe kwiSebe leMicimbi yezokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhlio leNtshona Koloni, uye wacacisa ukuba ukugrumba kuyafuneka okwethutyanu ukulungiselela ukwandisewa kononotshelo lwal a maziko namanye akolu nxweme kwaye ukonyuka kweziphumo zokuguqu-guquka kweemeko zemozulu ngokujoliswe ngokukodwa kukhukhuliseko nokwanda komhlaba ophansi kwamanzi okwenzeka kulo mmandla kulindeleke ukuba kwande. Ngenxa yeemfuno ezechongiweyo, iskophu salo msebenzi ngokwejografi esiphakanyisiweyo, indalo engeqhingga yamathuba akulo mmandla, nenzużo ekwabelwana ngayo eza kufumaneka kolu phononongo, iSebe belisoloko liluxhasa olu phononongo kule minyaka ingamashumi amane idlulileyo.

Inqaku lophando elisihloko sithi: Determining the change in the bathymetry of Saldanha Bay due to the harbour construction in the seventies lie lapapashwa kwi-South African Journal of Geomatics, Vol. 9. No. 2, ng Septemba 2020.



Bathymetric map of Saldanha Bay showing the difference before (1957) and after (1977) the harbour construction.





## **Ithuba lesibini bungakhathalisekanga ubukho be-Covid**

Umququzeleli weProjekthi: Ms Nokwanda Siyengo  
I-imeyile: noksiy@sun.ac.za

## **Imfundu ngapha kwamagumbi okufundela: abafundi bafaka isandla**

Umququzeleli weProjekthi: Dr Lynne Dammons  
I-imeyile: ldamons@sun.ac.za

## **INcwadana yeSikhokelo sezeMisebenzi elungiselelw iBanga le-9**

Umququzeleli weProjekthi: Prof Anthony Naidoo and Dr Michelle Visser  
I-imeyile: avnaidoo@sun.ac.za / mvis@sun.ac.za

## **I-TRAC SA ifezekisa impumelelo bungakhathalisekanga ubukho bemingeni ye-Covid-19**

Umququzeleli weProjekthi: Ms Debbey Olivier  
I-imeyile: debbey@sun.ac.za

## **linqobo ezizisa iinguqu ezikolweni zinefuthe kuluntu**

Umququzeleli weProjekthi: Dr Chris Jones and Ms Divine Robertson  
I-imeyile: chrisjones@sun.ac.za / dr@sun.ac.za

## **Ingcaciso enxulumene ne-Covid-19 yenziwa ukuba ifikeleleke kwabo baneengxaki zokuva ngeendlebe**

Umququzeleli weProjekthi: Dr Kate Huddlestone  
I-imeyile: katevg@sun.ac.za

## **Indawo yokhuselo elungiselelw abantwana abasesichengeni**

I-imeyile: monica@heartlandsbaby.org

## **Ukufunda ngezonyango kuyaqhubekeka ngokusetyenziswa kohlolo Iwasekhayeni nge-intanethi**

Umququzeleli weProjekthi: Ms Jana Müller

I-meyle: janamuller@sun.ac.za

## **Ukujongwa kwezidingo zezesondlo ngelixa le-Covid-19**

Umququzeleli weProjekthi: Dr Lynette Daniels

I-meyle: ldaniels@sun.ac.za

## **Isixhobo sokuphucula abalimi besintu abasakhasayo**

Umququzeleli weProjekthi: Dr Annelin Molotsi

I-meyle: annelind@sun.ac.za

## **UkuXhotyiswa ngoLwazi IwezeziMali kuyaqhubekeka bungakhathalisekanga ubukho be-Covid-19**

Umququzeleli weProjekthi: Ms Josie Parks

I-meyle: jparks@sun.ac.za

## **Izifundo ezingokusingqongileyo ngokusetyenziswa kwezixhobo zokubeka iliso kwizityalo nezilwanyana zasemanzini**

Umququzeleli weProjekthi: Prof Jacques Bezuidenhout

I-meyle: jb@sun.ac.za

## **Ukuphandwa kweenguqu kwimilinganiso yobunzulu beSaldanha Bay**

Umququzeleli weProjekthi: Dr Ivan Henrico

I-meyle: ivanh@sun.ac.za

# Igalelo elimiliselwe kwezentlalo

libhekisa ekudityanisweni  
kwe-SI kuzo zonke izenzo  
zobufundiswa nezo zingeyonxaleny  
yekharityhulam yase-SU oko  
kusenziwa ngento ekunokuthiwa  
sisenzo sokufundisa abo  
bangengabo abafundi ndawonye  
nabo bangabemi.

## **Division for Social Impact**

Stellenbosch University

Private Bag X1

Matieland 7602

[siadmin@sun.ac.za](mailto:siadmin@sun.ac.za)

<http://www.sun.ac.za/si>